

#EbaSafeOnline



ETinkids Publishers





Intshayeleso 



95 752 likes

Intshayeleso

Dr Mashilo Boloka, CEO at Film and Publication Board: Umceli mngeni okhulayo wokwenzakala kwiintanethi awufuni nje ukuba sihlale sizibophelele ekudaleni ulwazi kunye nokufundisa uluntu ngokubanzi kodwa ufuna indlela yokwenza izinto ngendlela emanyeneyo nebandakanya abathathi nxaxheba abaninzi apho abo bachaphazelekayo banokuthi gqolo besebenzisana. Intsebenziswano eqhubekayo phakathi kweFPB-SA kunye neMeta namanye amahlakani eqonga leintanethi anjongo zikukulwa nokwenzakala kwiintanethi kwaye kudalwe uluntu olukhuselekileyo lweintanethi, imele kanye indlela enjalo. Njengomlawuli wemibandela ekwintanethi, le ntsebenziswano ibonisa ukuma kwethu ngokolawulo lokusebenza, kuba akukho mntu uchaphazelekayo unokumelana nesi sibetho selizwe lonke seintanethi eyedwa.

Umceli mngeni okhulayo wokwenzakala kwiintanethi awufuni nje ukuba sihlale sizibophelele ekudaleni ulwazi kunye nokufundisa uluntu ngokubanzi kodwa ufuna indlela yokwenza izinto ngendlela emanyeneyo nebandakanya abathathi nxaxheba abaninzi apho abo bachaphazelekayo banokuthi gqolo besebenzisana. Intsebenziswano eqhubekayo phakathi kweFPB-SA kunye neMeta namanye amahlakani eqonga leintanethi anjongo zikukulwa nokwenzakala kwiintanethi kwaye kudalwe uluntu olukhuselekileyo lweintanethi, imele kanye indlela enjalo.

Njengomlawuli wemibandela ekwintanethi, le ntsebenziswano ibonisa ukuma kwethu ngokolawulo lokusebenza, kuba akukho mntu uchaphazelekayo unokumelana nesi sibetho selizwe lonke seintanethi eyedwa.

LIVE

5371



Inqaku lomhleli elisasetyenzwayo

Kukhuseleko lweintanethi lwabantu abasebatsha, sithathe inyathelo lobuchule eliphathelele ukufundisa nokuxhobisa abafikisayo nabazali ngokufanayo. Intsebenziswano yethu nabapapashi beEthnikids eMzantsi Afrika, iphumele ekubeni kuyilwe incwadi ehlekisayo ethi #EbaSafeOnline, le ncwadi ngumthombo oxabisekileyo ojolise ekwandiseni ulwazi ngeengozi ezinokubakho kwiintanethi (kumakhasi onxibelelwano).

Ukuphehlelelwa kwale ncwadi, yeyokuqala kolu hlobo eMzantsi Afrika ngoMeta, oku kubonakalisa iinzame ezizingisileyo zeMeta ekukhuthazeni indawo ekhuselekileyo yeintanethi kubantu abatsha. Le ncwadi ayichaphazeli kuphela iingcebiso ezibalulekileyo kubazali ukuba bazibandakanye nabantwana babo abafikisayo kodwa ikwagxininisa ukubaluleka kokugcina ingxoxo evulekileyo malunga nokhuseleko lweintanethi.

Ukufumaneka kwale ncwadi yamabali ahlekisayo enohlelo olukwiintanethi ngeelwimi ezili11 ezisemthethweni zoMzantsi Afrika ezifumanekayo kwiwebhusayithi yeMeta's My Digital World kubonisa inyathelo elicwangcisekileyo eliya ekusasazweni ngokubanzi kwesi sixhobo sixabisekileyo. Sisikhumbuzo sokuba ngamnye wethu udlala indima ebalulekileyo ekugcineni ukhuseleko lwabantu abatsha kwiintanethi.

Siyathemba ukuba uya kuyifunda, wabelane ngayo, uthethathethane ngamandla noontanga bakho, abazali kunye nabagcini bakho. KwaMeta, sifuna ukuba uqhubeke ufunda ngakumbi malunga nendlela yokuzigcina ukhuselekile kumaqonga ethu.

Konwabele ukufunda!

Oluwasola Obagbemi
UMphathi wezoNxibelelwano Meta Afrika

Comment



#EbaSafeOnline



9:41

← Isishwankathelo
sekopi yokuhlelwa

Olu luhambo malunga noLK kunye noShay, ama2000 aphila ubomi bawo obungcono. Xa bebanjwe kwimeko enzima, baze ngokukhawuleza baqonde amandla amakhasi onxebelelwano, kunye nendlela abanokuthi baqaphele ngcono ngayo unqabiseko kunye nokhuseleko oluntsonkothileyo kunye nokubeka phambili impilontle yabo kumakhasi onxibelelwano kwakunye neqonga leintanethi.

5:18 PM //

Ngelixa amajelo onxibelelwano afana neFacebook kunye neInstagram inokuba yindawo epholileyo yokunxulumana nabahlobo bakho kunye nosapho, inokuba yindawo eyoyikisayo xa ukuyo. Ke, wenza njani #EbaSafeOnline?

5:18 PM //

😊 Type a message







Usixake kakhulu ke namhlanje kuba iintanga zakho zigcwele kule TV kodwa wena uthule cwaka.

Kutheni na namhlanje? Kaloku wena udla ngophawula gqithi xa kudlala iindaba.



Kwenzeka ntoni? Incoko neetshomi zakho iyatshisa, neh?

Hayi. Ndizama ukufumana indlela endingakwazi ngayo ukunxulumana nabalandeli bam kwiphowusti zam. Yhu, kunzima.



Iphowusti? Zizinto ze-inthanethi ezo? Hayi, uxolo mntwana wam.

Hehehe! Unabalandeli na ntombi yam? Khona, zileta ezitheni ezi uzakuziposa?

Uyazi ndikuxelele, ubomi bungalula kakhulu xa unokuyisebenzisela ukufowuna nokuthumela imiyalezo loo fowuni. Qha qwaba!



Enkosi mnt'anasekhaya. Ndiyayazi loo nto. Nilale kakuhle nonke.

Owu bethenunana, ungakhathazeki, LK. Ndingakunceda ukuba uyafuna.



LK: Yhu hayi, ayiyiyo le into! Inani labalandeli bam alikhuli tu. 🙌

Shay: Uxolo tshom'am. Sizakuyilungisa loo nto. 🙌

LK: Enkosi. Mfxm, nanko nalo mbane ucima. Ulale kamnandi ❤️

Shay: Sizakubonana ngomso ❤️



Soze kaloku ndiyilibale iQuiet Mode ukuze indincedo ndilale o bosana ubuthongo.



Ngosuku lokugqibela lweeholide zesikolo, uShay nomama wakhe batyelele usapho lwakwaDlomo.

Hayi Marion!
Ubuphaya? Yithi uyadlala!

Ndiyakuxelela Nomsa!
Bendiphantsi phezulu ndizithengela ooni nooni ngelixa bephithizela benjalo abaya bantwana!

Belunjani ukhuseleko lona?

Yhu, hayi asoze!
Baninzi kakhulu abantu abanobuqhophololo phaya. Uzithemba njani ezi zinto ngeenkukacha zakho zebhanki?

Bekungekho nolunjani kaloku sana! Yiyo lonto ke mna ndizithengela izinto zam kwi-inthanethi.

Singabuya senze ntoni ke? UShay uyandifundisa kwaye ndifunda ngokukhawuleza. Eneneni, siya sisazana ngcono xa endifundisa ezi zinto.

Khawufane ucinge!
Soze mna ndibe yinxalenye yezi zinto ze-inthanethi. Zinobungozi gqitha.

Zinobungozi? Yhe ntombi, Sinabantwana abasebatsha! UShayla kuphela komntwana endinaye kwaye ndifuna ukumcebisa kakuhle ngayo yonke le nto ye-inthanethi.

Ndizithatha kancinci kaloku ezi zinto kuba uLwando engekabinangxaki nezi zinto zedijithali.

Encwina Unyanisile ke apho. Phezolo oku, ulisakhanya ebengumntu onxubileyo ngenxa yala fowuni yakhe.


Sekulixesha elingakanani engenengxaki? Uyabona, xa kusiziwa kwizinto ze-intanethi, nditsho neenyanga ezimbalwa zisuke zibe ngathi ngunaphakade. Ezi app zitshintsha oko, ndiyakuxelela.

Ucinga ukuba le nja indim indala kangaka isengafundiseka amaqhinga amatsha?

Hayi sukal Ndimdala kunawe. Ngapha koko, ndiyazi ukuba uyabathanda abantwana bakho kwaye ufuna ukubagcina bekhuselekile. Khawujonge apha.



Le ibizwa ngokuba yi-Parental Supervision. Ilula kakhulu. Indinceda ukuba ndibone ukuba uShayla ulandela bani na kula makhasi ezonxibelelwano. Kodwa okona kubaluleke kakhulu kukuba ngubani olandela uShayla. Ndiyakwazi ukubona ukuba ngubani amxhileyo okanye amnipotileyo, okanye umntu amhinteleyo okanye amblokhileyo. Ukanti ndiyakwazi ukubona xa enokuthi azame ukutshintsha ezi sizeko okanye iisetingi zabucala.



Yho! Intle loo nto. Ijongeka ilula kodwa mna ndifuna nje ukoxutha la fowuni kuLisakhanya. Okanye ndiyabhuda?

Imfonomfomo zibagcina bekhuselekile, Nomsa, kwaye awufuni ukuba nibe ziintshaba noLisakhanya. Ungasebenzisa i-Take A Break ku-Instagram wakhe, ngaloo ithayo ku-Instagram ze ukwazi ukumbekela imida.



Isebenza oku komlingo. UShayla uwugqiba ngexesha elifanelekileyo ngoku umsebenzi wakhe wesikolo, kwaye ughuba kakuhle nasesikolweni.

Nyani? Ndiyazi okokuba uLisakhanya ufunda lukhulu ku-Instagram, kuFacebook nakwamanye amakhasi ezoxibelelwano kodwa ndifuna ukumbona echitha ixesha elininzi ezifundwe...

Yingxolo yantoni ngoku leyo?!



Hayi! Lwando! LWANDO! Nguwe lo udiliza indlu yam?



Mna? Hayi, Tata! Mna bendicinga ukuba zizixhobo zakho zokusebenza.





LI-SA-KHA-NYAAA!!!




Ngalo lonke elo xesha, u-LK noShay bonwabe, baxhelelw'-exhukwane...

Masiye! Masiye tshomi! Ndifuna wena s'thandwa sam!











Emva ekhaya, wonke umntu wayonwabile.

Nibuyile bantwana bam? Yizani nizo-kudanisa nathi!

ULuhle usifundisa isitayela esitsha sokudanisa!



Hayi ke, LK! Siyasazi ke esil!


Le ngoma itshisa bhe, ndiyakuxelela!



Ayisentle! Ndikuthumelela ividiyo. Nenze kakuhle kakhulu.

Uyazi ukuba ndicinga ukuba wenze ntoni ngale vidiyo?

Enkosi, mnt'asekhaya. Intle nyani.




Yithi uyidlala.

Ndinyanisele ke tana. Khawuyizame.

Kulungile. Ndiyaku-themba.

Nyani chomi. Ndinga ukuba iza kusiphumelelisa.



Kulungile. Ndiyifake kwi-reel ke ividiyo. Yh, ndisuke ndoyika chom!

Uyazi andikholwa ukuba abantu bayiphowustile le nto?




Yintoni ngoku?

Sonke esa siphithiphithi besise-mall!

Esa siphithiphithi? Ndiyasibona ngoku ndawo yonke kumakhasi am onxibelwano!

Ndizakuziripota zonke ezi phowustil! Ibimbi kakhulu laa nto!





UMeta ukuphathela

#EbaSafeOnline

Umbhali

Lebohang Masango

Umzobi

Mfundo Ndevu

Abavelisi

Oluwasola Obagbemi and Kezia Anim-Addo

Umqambi

Itumeleng Morule

Sisebenzisene naba balandelayo

Duduetsang Makuse, Sylvia Musalagani, Phil Oduor,

Ece Basay, Sophie Vogel, Eva Sow Ebion

Ethnikids Publishers

Tina Akuoko and Khumo Tapfumaneyi

Sibulela ngokukhethekileyo kwi:

Clockwork, PR partner for Meta in South Africa

Iinkcukach_zoshicilelo

Le ncwadi ishicilelwe ngabakwa-Ethnikids Publishers (Pty) Ltd, beyishicilelela abakwaMeta ngonyaka wama-2023. Ilungelo lobunikazi bombhalo nguLebohang Masango 2023. Izotywe nguMfundo Ndevu 2023. Iguqulelwe esiXhoseni nguYamkela Khoza Tywakadi. Ilungelo lokupapasha lele-Ethnikids Publishers 2023. Ihlelwe ngabakwa-Ethnikids Publishers (Pty) Ltd. Iyilwe yaze yondlalelwa ngabakwa-Ethnikids Publishers. Onke amalungelo okusebenzisa le ncwadi agciniwe. Awuvumelekanga ngokomthetho ukushicilela ngokutsha okanye ukuguqula nayiphi na inxalenye yale ncwadi nangaluphi na uhlobo ngaphandle kwemvume ebhaliweyo evela kwaMeta Africa. I-Ethnikids Publishers lisebe lakwa-Ethnikids (Pty) Ltd. www.ekp.africa

ISBN 978-0-7961-0642-1

Isixhosa

Ubungqina

"Kwihlabathi ledijithali elinesantya esikhawulezayo, abantu abatsha baseAfrika banolwazi oluthe kratya nolufumaneka ngokulula kunokuba bekunjalo kuthi kwiminyaka eyi20 eyadlulayo. Kwaye ngelixa eli hlabathi litsha lithembisa amathuba amahle kwabo banokufumana izakhono ezifanelekileyo zedijithali, uluntu nalo lunoxanduva lokuqinisekisa ukuba abantu abatsha bangakwazi ukuhamba kolu hambo ngokukhuselekileyo nangokuzithemba. IDigify Africa ikholelwa ngokunyanisekileyo ekubalulekeni kobuchule bokufunda ngedijithali njengesakhono semfundo esisisiseko kwiNkulungwane yama21, kwaye sinebhongo ngokukwazi ukubonelela ngolu qeqesho kubantu abatsha kwiAfrika iphela, simahla, ngokusebenzisana kwethu neMeta Platforms."

- **Gavin Weale, uCEO weDigify Africa.**

"Kuyakhuthaza ukubona umzamo kunye nenyameko iMeta enayo njengoko ityala imali ukuxhobisa abasebenzisi beInstagram, iFacebook kunye nokunye okuninzi malunga nokuhamba ngokukhuselekileyo kwiintanethi. Ukuqinisekisa ukhuseleko lweintanethi yolutsha lwethu ngumzamo oyintlanganisela kunye nezixhobo ezifana nale ncwadi, sinokufikelela uthungelwano olubanzi lwabantu abatsha ngendlela ethetha nabo ngokufanelekileyo. Ngamana umyalezo ungakhuthaza incoko kwaye ukhumbuze umfundi/abafundi ukuba badlala indima ebonakalayo ekwenzeni iintanethi ibe yindawo ekhuselekileyo kwaye ngamnye wethu kufuneka aqaqambise ukukhanya okuqaqambileyo kwiintanethi." - **Rianette Leibowitz, iCyber Wellness kunye nengcali yoKhuseleko kwiIntanethi, umseki weSaveTNet kunye nombhali weDigital Parenting**

"KwiClockwork sinelunda ngokusebenza neMeta ukuyila incwadi ehlekisayo ethi #EbaSafeOnline, ebonisa ukuzinikela okungagungqiyo kweMeta ekuqinisekiseni ukuba ukhuseleko lwabantu abatsha kwiintanethi yeyona nto iphala phambili. Njengoko le ncwadi yeziqhanga ijolise ekwaziseni nasekuxhobiseni abantu kwiqonga leMeta, ukubanika ulwazi, izinto eziluncedo, kunye nezixhobo abazidingayo ukuze bachankathe ngokukhuselekileyo kwihlabathi elikwiintanethi, siyathemba ukuba sikunye neMeta, siza kumisa indlela eyakuqinisekisa ukuba sihlandle ngasinye ucofa, myalezo ngamnye owufakayo, kunye nonxibelelwano ngalunye olwenzekayo lukhuthazwa yimigaqo yokhuseleko lweintanethi kunye nokuxhotyiswa, ukwakha ikamva elingcono ledijithali elikhuselekileyo kumntu wonke." - **Iqela le-Meta PR eClockwork**

"Itekhnoloji yedijithali ihlala inamandla ngakumbi kunabantu, kungasathethwa ke ngabantu abatsha, banokuqhubeka nayo. Yiyo loo nto kuncomeka kakhulu ukuba iMeta ithathele ingqalelo ukhuseleko lweintanethi phakathi kolutsha njengelinye lamaqonga adumileyo apho abakwimishumi elivisayo kwihlabathi liphela bekonwabela ukuchitha ixesha labo khona. Ukubayinxalenye yokusebenza kule ncwadi kube liwonga elingathethekiyo kum kunye nethuba lokulola okwam ukuqonda malunga nendlela yokuhlala ukhuselekile (kwaye usezingqondweni!) kwi-intanethi." - **Lebohlang Masango, ISazi ngemicimbi yoluntu namasiko asekuhlaleni, umbhali ophumelele iMbaso, Imbongi**

"Ukuba yinxalenye yenkqubo yokuyila nokuzisa le ncwadi ebomini ibe ngamava amangalisayo ngokwenene. IMeta itshotsh'entla ekwenzeni ukhuseleko lweintanethi kulutsha kwaye ndiyazingca ngokuba yinxalenye yeli nyathelo. Le projekthi ihambelana kakhulu nezakhono kunye nenjongo yam yokudala imixholo efundisayo nekhanyisela ulutsha kunye nabantu baselula." - **UMfundo Ndevu, uMzobi kunye noMyili weMizobo**

"Sibone kubalulekile ukuba sibe yinxalenye yeli phulo lifundisayo kwaye sitshintshe indlela eziqondwa ngayo izinto kunye neengcinga ezigwenxa malunga nokusetyenziswa kwamakhasi onxibelelwano lulutsha. Bekunyanzelekile ukuba senze into ulutsha olunokuthi lube nayo kwangaxeshanye sigqithise umyalezo ocacileyo. Sithemba kananjalo ukuba igalelo lethu liya kubangela utshintsho olubalulekileyo kwindlela ulutsha (kunye nabantu abadala) abasebenzisa ngayo iintanethi ngokukhuselekileyo." - **Abapapashi bakwaEthnikids**

